

# Ukuqonda

## XA INTO ENCINCI IKHOKELELA KWINTO ENKULU

Iimpawu Zakusekutsha Ezilumkisela Umhlaza Wasebuntwaneni



- Ingaba umane esiba nobushushu obungacacisekiyo?
- Ingaba ukubona kwakhe kuvele kwatshintsha ngesiquphe? (Ubumfama, ukudumba kwemehlo, into entsha yokuncwina amehlo okanye ukuba khona kwechaphaza elimhlophe elisweni.)
- Ingaba usoloko ediniwe yaye ebonakala ephatshile?
- Ingaba uyebla ngomzimba okanye ingaba uvele akabi nankanuko yokutya ngesiquphe?
- Ingaba unokugqithisileyo ukugruzuka, ukopha okanye irhashalala?
- Ingaba unomosuleleko ongafuni ukuphela?
- Ukhe waqwalasela iq huma entlokweni yakhe, entanyeni, esifubeni, esiswini, ngakumalungu angasese, ezingalweni okanye emilenzeni, kumadala okanye emakhwapheni?
- Ingaba amathambo akhe, amalungu, umqolo okanye imilenze idumbile yaye ibuhlungu kusini na?

Ingaba umane rhoqo ebanentloko ebuhlungu nokugabha kwangentseni?

Ingaba intloko yakhe inkulu ngendlela engaqhelekanga?

Ingaba uziva enesicaphucaphu okanye agabhe engakhange abe nesicaphucaphu?

Ingaba zikhona izinto azitsibleyo ekufanele ukuba sele ezenza ezenziwayo ziintanga zakhe okanye ingaba ubuyele umva akasakwazi ukuzenza izinto ezithile ngoku?

Ingaba indlela aziphethe ngayo okanye enza ngayo izinto itshintshile kusini na?

Ingaba ukulungelelana kwesimo sakhe okanye indlela ahamba ngayo itshintshile?

Ingaba uhamba kakubi okanye ukhubeka lonke ixesha?

Ingaba ukhe wophuka amathambo engakhange wabe unggubeke ngamandla / wonzakele?



NPC 2012/103028/08

Funa uncedo Iwezonyango Iwazo naziphi iimpawu ezingapheliyo, ukubonwa kwento kusekutsha KUSINDISA ubomi...

Yiba yingelosi ye-cupcake  
◆ Eyona Ndlela Inambithekayo ◆  
**YOKUSINDISA UBOMI**

